# EZONA ZITHEMBISO EZENZIWEYO MAYELANA NABANTWANA KOLU VOTO SIJONGENE NALO KULONYAKA UMIYO

**Izicatshulwa kunye noshwankathelo lwe-Manifesto ze ANC, iDA, EFF, Action SA, BOSA, IFP, PA, ACDP, Rise Mzansi, FF Plus, kunye neMK Party.**

**Kwimiba neengxaki abathi abantwana abancinci abasakhulayo badibane nazo.**



# NUTRITION

Umbutho iDA iceba iindlela zobeka kwinqanaba eliphezulu ukuzama ukulwa indlala nokungondleki eluntwini. Izakwenza oku isebenzisa iindlela ezithile ezahlukeneyo:

- **Ukwandisa iintlobo zokutya ezibalulekileyo** zingabhatalelwa iVAT

Konke oku kujoliswe ekubeni:

- **Kuzakwehliswa iTaxes kwiintlobo zokutya ezibalulekileyo** oku kusenzelwa ukuzama noncedisana neentsapho ezisokolayo neentsapho ezirhola imirholo esezantsi.

- **Ukhuthaza Uluntu ekubeni balime babene gadi ngokwe nginqgi abahlala kuzo**, oku kuyonceda ekubeni ubani nabani akwazi ukuzenzela ukutya kumakhaya abo. Eliphulo lijolise ekubeni Uluntu likwazi ukuzimela nokuziphilela, likwazi nokuzenzela imali, kwakunye nokungaxhomekeki mntwini ngoku zondla njengo sapho.

- **Ukusebenzisa amasebe okutya** ukwehlisa ukunqongophala kokutya nokungondleki koluntu. Lamasebe okutya ekuthethwa ngawo yimibutho okanye amashishini athengisa nabonelela ngokutya emphakathini.

# EARLY EDUCATION

Umbutho i-DA uveza iindlela namacebo ozamana nonyusa izinga nemiphumela yezemfundo eMzantsi Afrika:

- Izakuqinisekisa umntwana ngamnye osafundayo ufumana iintsuku ezingama **210 ezigcweleyo zokuqeqeshwa/zokufundiswa** enyakeni.

- Abantwana **abafunda ukuqala kwibanga u-R uyakutsho kwibanga u-3** kwi yure ezimbini zokuqala besesikolweni, eloxesha lizakusetyenziswa ekuncedisaneni nabafundi **ukuphuhlisa izakhono zabo zokufunda kwakunye nezokubhala.** Enye iyure izakusetyenziswa ekubaqhuqheni isakhona **kwezezibalo.**

- Kuzokuphuculwa umgangatho wokungena nomgangatho webanga u-R, ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana bakulungele ngokwaneleyo ukuqala ibanga lokuqala esikolweni.

- Ukukhuthaza **izifundo ze-STEM** ngokuzama ngoku **chonga abantwana abanezakhono zezifundo kwakhiwe nezikolo ezilungiselelwe izifundo ze-STEM**.

- Ukuphumeza icebo lokuba izikolo **zibene Internet zonke**.

- Ukuxhasa **iphulo lokuba abantwana njenge lungelo labo bafundiswe ezikolweni ngolwimi labo**, oku kusenziwa ukubamba umthetho woba ubani nabani njenge lungelo azelwe nalo ukuba ahlohlwe imfundo ngolwimi lakhe azelwe nalo, nalithethayo kowabo nasekuhlaleni.

# EARLY EDUCATION (CONTINUED)

- Kuzakuqiniswa kwenziwe mqilima iindlela zoxhasa **abafundi abakhubazekileyo,** oku kuzakwenziwa kuphunyezwe ngokuthi kuxhotyiswe kuqashwe abantu abalungiselwe ekubeni bakwazi unceda nokusebenzisana nabantwana abakhubazekileyo. Oku kukuzama iindlela zokuncedisana nabafundi abakhubazekileyo ukufezekisa izidingo zabo.

- Kuzakuhlolwa **kuvavanywe abafundisi'ntsapho** ukuzama ukukhangeli ukuba baselizingeni elifanelekileyo lokuba bahlohle abantwana**,** konke uku kuzakwenziwa ngokuba bavavanywe babonwe ukuba baselungelweni lokufundisa na okanye akunjalo. Oku kuzakwenziwa ngovavanyo elizothathwa ngumntu wonke osebenza njengomfundisi'ntsapho apha elizweni uMzantsi Afrika. Kuzobekwa amanqanaba athile ekumele afunyanwe zizikolo, abazali bazafuneka bathathe inxaxheba ukuqinisekisa ukuba iziphumo ezifanelekileyo ziyafumaneka. Imibutho iTrade Unions izakuyekiswa ukuba ibeyiyo ejongene nokuqeshwa kwabafundisi zintsapho. Iincwadi nezixhobo zokufunda nezisetyenziswa ekufundiseni abafundi kuzakuqinisekiswa ukuba zifika kwangexesha.

- **Ukuphucula ulawulo** nemithetho yezikolo nokuzama ukuba kubekho iimpendulelo kwizinto ezingahambi kakuhle kwiimeko zezikolo.

# SOCIAL WELFARE

- Umbutho i-DA uthembisa **ukunyusa imali yesibonelelo sabantwana,** ukuncedisa nokulwa indlala kubantu abaphila ezantsi komngca wobuhlwempu**,** bathembisa ukunyusa imali yesibonelelo sabantwana eyi R510 bazakuyinyisa ibeyi R760 umntana ngamnye. Injongo yokuzama uncedisana namakhaya neentsapho ezijongene nobunzima bokuphucula impilo nofumana ukutya okuya egazini ebantwaneni.

- Umbutho iDA uthethelela ekubeni kwandiswe imali esisibonelelo sabantwana (Child Social Grant) **kubonelelwe nababhinqa akhulelweyo**. Oku kwenzelwa ukuba inina elikhulelweyo likwazi ukufikelela ekuthengeni ukutya okuya egazini kumama nakwisana eli lingekazalwa. Oku kwenziwa emveni koqhaphela iingxaki abathi abafazi abakhulelweyo badibane nazo ezibeka ubomi bomntwana nomama emngciphekweni ngethuba umama ekhulelwe. Esisibonelelo sijoliswe ukubeni sincede ibhinqa elikhulelweyo ukuba libenako ukufumana ukutya ekusempilweni ngethuba likhulelwe kwakunye nezinye izidingo ezifana namayeza noqgirha nokunye.

# SOCIAL WELFARE (CONTINUED)

- Umbutho iDA **ungxininisa isidingo sokuqinisekisa ukuba kubekho, kuqeshwe ooNontlalo'ntle abaneleyo, kwaye babe neenkonzo abafikelela kuzo khon'ukuze bakwazi ukusebenza nonceda Uluntu oludinga izakhono zabo,** nesixa semirholo yabo noko ibukeke khon'ukuze wonke umntu abenawo umdla wokulandela esisakhona sokuba nguNontlalo'ntle. Oku okanye eliphulo linganyusa izinga nendlela umsebenzi wonontala'ntle onceda ngalo eluntwini neengxaki ezithi Uluntu emphakathini udibane nazo. Uluntu kunye neentsapho zingancedakala kakhulu kwaye noncedo abanothi balufumane lingaba selizingeli okanye kwinqanaba eliphezulu kakhulu.

# HEALTHCARE

Umbutho **iDA icebisa enye indlela kunale ye NHI emanyelana nokuhlisa amaxabiso kwezempilo zabucala.** Esisicwangciso sijonge kakhulu kwicala lezempilo labucala (Private healthcare) alijonganga kakhulu ekuphuculeni iinkonzo zempilo zika wonkewonke, kwindima ezifana nezinga nokuphucula iinkonzo zika wonkewonke.



# NUTRITION

Ukubeka phambili **ukhuseleko lwezokutya**, kude kufakelwe nesaphulelo se-Vat kwintlobo zokutya ezithile ezibalulekileyo. **Imihlaba izanikelwa eluntwini**, kuzaku xhaswa iinginqgi nabantu abane gadi ezindlwini okanye kumakhaya abo. iANC **iyazibethelela ekulungiseni iindlela nezinga lamaxabiso okutya ekubizwa ngalo ziivenkile.**

# EARLY EDUCATION

- Izakuxhasa nokufaka isandla ekunikeni abantu inxaso **ekukwazini ukungcamla kumathuba ezemfundo nakwezempilo.**

- Iyaqinisekisa ukuba wonke ubani **jikelele uyakufumana ithuba lokufumana imfundo esezingeni eliphezulu kubantwana abancinci abasafunda kwizikolo zabasakhulayo**, konke oku kwakuba sele kuphunyeziwe ngonyaka ka 2030.

- Ukukhuthaza isiko elithe qgolo ekukhuthazeni wonke ubani athande ukufunda, **ukwenza izibalo** kwakunye nezakhono zobuchwepheshe balemihla (Technology).

Kuza qiniswa **inkxaso yengeniso** kwakunye nezinye **iindlela zokuhoya uluntu**, oku konke kuzakwenziwa kusetyenzswa iindlela ezithile ezahlukeneyo:

- Kuza kusetyenziswa **izibonelelo zenxaso mali yoluntu** ezisele zikhona ezisuka kuRhulumente, ezifana ne-Social Relief Grant (SRG) oku kuzokwenziwa ngenjongo zokuzama ukwakha iindlela zoncedisana noluntu zibene **sibonelelo abasifumana rhoqo**.

- Kuza kuphuculwa amaqela enzelwe ukulungisa **izibonelelo zoluntu** ezivela kuRhulumente.

- Kuza kuqinisekiswa ukuba **iNational Minimum** Wage (imali esemthethweni ekumele ubani nabani ongumsebenzi) izakunyuswa ngokusemthethweni rhoqo xa kunyuka i-Inflaition, kwaye wonke umntu uzakugunyaziswa kuqinisekiswe ukuba uyayenza. Xa i-Inflation inyuka nemali abantu abayirholayo iyenyuka.

- Ukukhusela izinga sezibonelelo zikarhulumente eziya **kubantu abangathathi ntweni** kunye nabantwana abancinci abasakhulayo, amaxhego namaxhewukazi, kunye nabantu abakhubazekileyo ngokwase mzimbeni nasenqgondweni.

# HEALTHCARE


**Ukuqinisa iinkonzo zezempilo nokuphumeza iNational Health Insurance** (NHI), oku kusenzelwa ukunyusa izinga lezempilo lifikeleleke kwaye wonke ubani afikelele.



# SAFETY AND SECURITY

Kuza kwangezwa Imizamo **yokulwa ulwaphulo-mthetho nokuqinisekisa ukuba Uluntu ekuhlaleni likhuselekile,** oku kuquka neendlela zokujongana nokuliwa kweziyobisi, ubugebenga obuplaniweyo, ukuhlikunyezwa kwamanina/amabhinqa, ukubiwa nokuqhekezwa kwezakhiwo zikarhulumente ezisekuhlaleni, nokumoshwa zekwaphulwe ezizizakhiwo, ubuqhetseba kwakunye nayiphi na engenye iindlela zolwaphumlo mthetho ezithi zifumaneke eluntwini nasekuhlaleni.

**Kuza kujongwana nomba wemo yendlala kwakunye nokuphucula iindlela abanokuthi abantu base Mzantsi Afrika abangathathi ntweni bakwazi ukufikelela ekuthengeni ukutya okuya egazini nokubalulekileyo**. Oku konke kucetywa ukwenziwe kusetyenziswa iindlela namacebo athile, lomacebo aquka izibonelelo zemali ezisuka kurhulumente, iVouchers zezaphulelo zokuthenga ukutya kubantu abarhola okanye abaxhamlayo kwizibonelelo ezivela kurhulumente, **kunyuswe inani lamakhaya ane iimpompo zamanzi abalekayo afikelela ezindlwini okanye kumakhaya**, kuncediswe kulandelelelwe ukuba wonke ubani okanye usapho likwazi uxhamla kumhlaba wolima ukutya ekuzoncedisa ekhayeni, ukuxhasa abalimi abancinci abasakhulayo, konke oku kwenzelwa ukuncedisana nokhulisa izinga elakuthi lincede Uluntu lufikelele ekufumaneni ukutya ngokwaneleyo.



- Ukubonelela **inkathalo kubantwana abancinci kwakunye nemfundo abayifumanayo kwiinkonzo ezisekelwe ekubeni zibafundise kwakunye nokuba bagadwe kwizakhiwo ezilungiswe ukuba zikwazi ukugcina abantwana abangakwaziyo uzenzela nto**. Kukwasekwa nokuba kuzobonelelwa kwiinginqi nganye ukuba isikolo sabantwana abancinci sikhona. Oku kusenziwa ukubonakalisa ukuba bayabonwa kwaye kuyavelwana nento yokuba amabhinqa ngawona asoloko enoxanduva lokukhathalela nokukhulisa abantwana kumasapho awo. Olu xanduva ke kuyabonwa ukuba likhokelela ekubeni amabhinqa angakwazi okanye kubenzima ukugcina umsebenzi okanye inqgesho.

- Isicwangciso sokwenza oku kubeyimpumelelo kuquka ukufaka isandla kumaphulo asekwe ekubeni aqeqeshe abantu bukwazi ukufundisa nokuqeqesha abantwana abancinci abakhulayo kwaye baqeqeshwe khon'ukuze bakwazi ukufundisa bagcine abantwana abakhulayo.

- **Iinkonzo zoluntu zasekuhlaleni zizakugcinwa zivuliwe iyure ezingamashumi anesibini** (ukusukela kwintsimbi yesithandathu ekuseni uyakutsho kwintsimbi yesithandathu malanga) oku kusenzelwa ukukhawulelana nabazali abaphangelayo.

# EARLY EDUCATION (CONTINUED)

- **Isixa semali yeTax izojongwa bayibuyiselwe oomama abakhulisa abantwana bodwa ngaphandle kooTata babantwana**. Oku akuzujonga amabhinqa odwa akhulisa abantwana bodwa kodwa kuzothathelwa ingqalelo nabanye abantu abangabagcini bantwana abakwiimeko ezikumila kufanayo nooMama abakhulisa bodwa. **Esisibonelelo sobuyiselwa kwemali yeTax kuzojongwa kubantu abarhola ngonyaka ezantsi kwemali engange R500 000 ngonyaka**.

- Kuza kuzanywa ulungisa isebe lezemfundo kwenzele ukuba kuzokwazi ukuphuculo isimo semiphumela kubafundi bonke. Oku kwakuquka iindlela ezahlukeneyo zezemfundo, ezifana nehlobo eziphethwe ngalo izikolo (governance), ukuqeqeshwa kwabafundisi'mntsapho, ezobuchwepheshe balemihla (technology), ukuthi gqolo ekugadeni indlela umfundisi asebenza ngayo, nokunika iindlela okanye amathuba ahlukeneyo kubafundi abanothi bazithathe emva kokuqgiba amabanga aphezulu.

- Ukubekela phezulu ukhuseleko ezikolweni ngoku susa izindlu zangasese ezenziwe ngokugrumba imingxunya kubekwe bucala iindlela ezininzi ezahlukeneyo zokukhusela kwiingozi abanothi bajongane nazo ezikolweni.

EFF
ECONOMIC FREEDOM FIGHTERS

# NUTRITION

Kuza kubakho ulwangezelelo kwiintlobo zokutya apho kuza kususwa iVat, imizamo izakwenziwa **ukuncedisana neentsapho ezinabantu abadala xa bethenga ukutya**. Oku kuzakwenziwa nakubantu abangarholi imivuzo eyaneleyo.



# EARLY EDUCATION

- Umbutho iEFF izakuqinisekisa ukuba wonke umntwana uyafikelela **kwisikolo sasimahla** sabantwana abasakhulayo (ECD), izakugunyazisa ukuba bonke abantwana abancinci ukuqala kwiminyaka emithathu (3) ukunyuka **ukuba babhaliswe bafunde simahla** kwizikolo zabantwana abancinci abasakhulayo.

- Umbutho iEFF **uzakwenza izifundo ezisesikweni nomthetho kwezezifundo emazilandelwe zizikolo zabantwana abasakhulayo oku kuquka ukufundwa kweencwadi nokubaliswa kwamabali, kwakunye nemidlalo efundisayo yaphandle.** Oku kusenzelwa ukutyebisa nokunceda abantwana abancinci baqonde kakuhle indawo abakhulela kuzo.

- Phantsi kokhokhelo lombutho iEFF **bonke abasebenzi bezikolo zabantwana abancinci (ECD) bazakuqeshwa isigxina nguRhulumente**, oko kuyakukhokelisa ekubeni babenako ukufumana imirholo engcweleyo naxa bethatha umhlala'phantsi bafumane isixa semali sokuhlala phantsi (pension fund).

- iEFF ineenjongo **yokongeza ikuqeqeshe i-40 000 yabasebenzi kwicandelo labafundi abancinci abasakhulayo ngonyaka ka 2027**, i50% yabo ingabantu ababhinqileyo kwakunye nabantu abatsha.

ECONOMIC FREEDOM FIGHTERS

# EARLY EDUCATION (CONTINUED)

- iEFF icwangcisa ukuphucula indlela yokuba **ubuchwephesha balemihla (Technology) bufikelele ezikolweni zabantwana abasakhulayo (ECDs) abantwana bafundiswe kusetyenziswa obobuchwephesha balemihla**. Oku kukufuna ukuba abantwana bakwazi ukusebenzisa izinto ezifana neComputers, oku konke bafuna kwenzeke ngonyaka ka 2026.

- **Umfundi ngamnye uzakunika iTablet equka iintlobo ezahlukene zezixhobo zokufunda**, iVideos zezifundo ezithile. Konke oku kuzokwenziwa sisqgeba seEFF.

- **Iindlela zamandulo zokufundisa, ukufunda, kwakunye nezenqubela phambili zizakubekelwa phezulu.**

- Imfundo yasimahla engathwelisanga iinkolo neemfundo zabebala izakufakwa ngokusesikweni kumntu wonke, kuzofundwa nezifundo ezifundisa ngeemeko zamandulo, kuzakufundiswa ngezoqoqsho.

- Abazali abangaqinisekisiyo ukuba abantwana babo bayaya esikolweni **bazobonwa njenga baphuli-mthetho.**



CENTRE FOR EARLY CHILDHOOD DEVELOPMENT
Putting Young Children First

# SOCIAL WELFARE

iEFF inezincwangciso **zokunyusa isibonelelo semali** kaRhulumente kumaqela athile afumana isibonelelo:

- Isibonelelo semali efunyanwa ngabazali bomntwana ongaphantsi kweminyaka eli shumi elinesibhozo (18 yeminyaka) abakhubazekileyo ngokwa semzimbeni nasenqgondweni sizakunyuka sisuka kwi R2,090 siyokutsho kwi R4,180 ngenyanga

- **Isibonelelo sabantwana** abangenabazali sizokunyuka ukusuka kwi R1,130 siyokutsho kwi R2,260 ngenyanga.

- Isibonelelo sabantwana sizakunyuka ukusuka kwi R510 siyokutsho kwi R1,020 ngenyanga.

- uRhulumente we-EFF uzakuqinisekisa ukuba imiba efana nokwamkelwa (adopt) kwabantwana, abantwana abahlaliswa kumakhaya apho bazogcinakala bekhuselekile khona (foster care) zizakuhamba kakuhle ngaphandle kweziphazamiso.

- Phantsi koRhulumente we-EFF bonke abantwana **abahlala kumakhaya apho bezihlalela bodwa** bazokuthathwa basiwe kumakhaya apho bazogcinwa khona kukho abantu abadala.

ECONOMIC FREEDOM FIGHTERS

# HOUSING

- **Umgangatho ophezulu, izindlu eziphangelelleyo ezinamangubi amathathu zizakufunyanwa ngabemi belizwe Bomzantsi Afrika.** Ezizindlu zizobase lizingeni elilungileyo ziza kuba namanzi abalekayo ngaphakathi, umbane, indlu yangasese, izikolo, iivenkile, amabala ezemidlalo kwakunye nendawo zokudlala zabantwana.

- iEFF iyaqinisekisa ukuba zonke izindlu zizakubanalo **igumbi langasese eligungxulekayo**, konke oku kuzokwenzeka ngokuthi iEFF ifake isandla iphande ezinye iindlela ezinokuthi zincedisane namanzi namagumbi angasese angadingi ukuba ade ancamathele kwimpompo okanye imizila ze-Sewage.

# HEALTHCARE

- iEFF **izakubekela phambi inkonzo zezempilo iqinisekisa ukuba wonke umntu uyafikelela kwaye uyalifumana uncedo alidingayo,** kwakhona izakuzama ukunciphisa inani Labantwana abaswelekayo besengamasana, ngoku kusenziwa oko kuzoku vuleleka amathuba okuba Uluntu lufikelele kwinkonzo zoba bakwazi uncedwa ngezosondo, ukumitha nazo zonke izidingo zezempilo ezifunwa ngabantu abadala, ooMama nabantwana abasakhulayo.

- **Izibhedlele zabucala ezizodwa** ezijongene nezigulo ezithile zodwa, ukuquka izibhedlele sabantwana ezizosebenza ngezigulo ezithile ezinzima okanye ezinqabileyo ezidinga ingqwalasela kakhulu.

- Ingqwalasela izakunikwa **kwinqubela phambili yabantwana mayela neendlela azikhula ngayo iinqgondo zabantwana**, kuzakuqwalaselwa ngamandla iindlela apho kunga nikwa inxaso abantwana aba nengxaki ngokwase ngqondwe. abantwana bazoxilongwa kukhangelwe ukuba Ingaba banazo iingxaki zobona ngamehlo, ukuba bayeva kakuhle ngeendlebe, kwakunye nobunzima bokuhamba ngenyawo zabo, oku kuzojongwa ebantwaneni kwakunye nabantu abadala. Oku kuzokwenziwa kunikwe ingqwalasela khon'ukuze kubonwe ukuba Ingaba ikhona ingxaki kwihlobo abafunda ngalo, ekusebenzeni nakwizinto ezithi zenziwe ekuhlaleni.

ECONOMIC FREEDOM FIGHTERS

# HEALTHCARE (CONTINUED)

- **Abasebenzi bezempilo bazaku khangela iintlobo zokutya njengezinye iindlela zolungisa iimpilo zabantu khon’ukuze babone ukuba abantu baguliswa** kungatyi ngokwaneleyo okanye baguliswa kukutya iintlobo zokutya abangamelanga ukuba bayazitya.

# SAFETY AND SECURITY

- Ingqalelo izakuba ekubeni **kuqiniswe amapolisa**, izakhiwo zamapolisa (Police stations) kwakunye nendlela abathi basebenze ngalo ekuhlaleni.

- Malunga neendlela zokungenelela kwizidingo zabantwana**, iEFF izakuqinisekisa ukuba zonke izakhiwo/izikhululo zamapolisa akhona amapolisa okanye abantu bomthetho abaqeqeshiweyo abanezakhona zokusebenza ngamatyala aquka abantwana, amatyala afana nokudlwengulwa kwabantwana, amabhinqa nabantwana abaxhatshwazwayo**, lamapolisa azakudinga ukuba bakwazi ukubanika inxaso abayidingayo.

- **Iinkonzo zovavanyo lwasengqondweni baza kulinikwa kuzo zonke izikhululo zamapolisa** eziza kunceda abafazi kunye nabantwana abaxhatshaziweyo.

Iza kusebenzisana nemibutho yokuhlala, imibutho ezimele bucala, nemibutho yezenkolo apho khona izakudibanisa amaqela alungeleyo nakwaziyo ukusebenzisana noluntu ukuba kube yimpumelelo iphulo lokuba **kunikezwe ukutya kwabo bantu bangathathi'ntweni.**

- Kuza ku qulunywa **isigqeba esizimeleyo** apho bazokusebenza ngokuphanda nolandelelela izikhalazo zoluntu.

- **Kuxhotyiswe oonontlalontle ukuba basebenzele kufutshane nezikolo** zabantwana abancinci abasakhulayo (ECDs), khon'ukuze bakwazi ukubona izinto ezithi zenzeke emakhaya ezibangela ukuba abantwana bangakwazi ukufunda okanye bafumane ubunzima ekufundisweni nasekufundeni.

- Ukuqinisekisa ukuba izikolo zabantwana abasakhulayo (ECDs) ihlobo ezibonakala ngayo nehlobo lezinto ezibanqgongileyo abantwana **liyakhuthaza yaye libanika umdla** kwezencubekho nasekufundeni kwabo.

- **Ukwenyusa izinga lokhuseleko ezikolweni, ukuthintelwa kobundlobongela**, nabantwana abathe bafumana umonzakalo wase nyameni okanye engqondweni bafumane uncedo elufanelekileyo.

- Abafundisi abanga qhubi kakuhle kwihlobo abathi bafundise ngalo bakhangelwe bancediswe ngokuba baqeqeshwe khon'ukuze bazokwazi ukuhlohla abafundi ngempumelelo.

- Kubekwe **ngokwasesikweni uvavanyo lonyaka** apho kukhangelwa indlela abasebenza ngayo abafundisi'ntsapho.

# EARLY EDUCATION

- Izaku qinisekisa ukuba **imfundo isimahla kwaye kunyanzelekile** ukuba wonke umntu afunde ukuqala kwisikolo sabantwana amancinci (ECD) uyakutsho kwimfundo enomsila eDyunivesithi.

- Sizakwenza ibengumthetho ukuba **iilwimi zemnveli** zifundiswe ezikolweni ukuqala **kwibanga 0** uyokutsho kwibanga leshumi, zisetyenziwe kwizifundo eziphakamileyo, kwiinqubo zomthetho, nakuzo zonke iingxelo ezikhutshwa ngabasemagunyeni.

- Siza kuqinisekisa nje ngelinye **iphulo lethu nje ngoRhulumente lokwakha izakhiwo**, zonke izakhiwo, iindawo kwakunye nezixhobo kwiindawo zokufunda zikumgangatho ovumelekileyo nosemthethweni phambi kweminyaka emihlanu.

- Kuza **kwenyuswa uhlahlo lwabiwo-mali** yokusebenza engqamelana naxa kuthe kwenyuka amaxabiso naxa kungena inani elithile Labantwana ezikolweni.

- Kuza **kuqinisekiswa ukuba zonke izikolo kwakunye nezikolo zabantwana abancinci ziza kunika abantwana isidlo sakusasa, isidlo sasemini kwakunye nokutya okunikiswa emva kokuba isikolo siphumile kubantwana bonke**.

# EARLY EDUCATION (CONTINUED)

- Kuzaku qinisekiswa ukuba **imfundo ikhuthaza ubunye nezinto ezisenza sizive singabantu abanye**, kuzakukhuthazwa ukusetyenziswa kufundiswe ngeelwimi zase Afrika ukuzama **ukugcina ulwazi lwemveli**.

- Kuza kuqinisekiswa ukuba imfundo ikhuthaza uluntu **luqhubekeke ngoku funda**, kuqhutyekekwe kuphuculwa indlela **ekufundiswa ngayo nezakhono zokufunda**.



# SOCIAL WELFARE

- Kuza kufakwa **iindlela ezintsha kwintlobo uluntu lizakuphila ngalo**, apho kuzakwenziwa khona ukuba wonke umntu **uphila impilo elungileyo nefanelekileyo**.

- Kuza kufakwa ngoku sesikweni **inxaso mali eyaneleyo** engaphezulu komngca wobuhlwempu engange R1,558, izakunikwa abo bangakwaziyo ukusebenza.

- Kuza kunyuswa **imali yesibonelelo sabantwana** izabayi R760.

- Kuza kwenyuswa **imali yabantu abadala** kwakunye nemali **esisibonelelo sabantu abakhubazekileyo** izakuba yi-R4,500, oku kwenzelwa ukuba abantu abadala nabakhubazekileyo baphile impilo elungileyo nenesidima.

- Kuza kupheliswa ukungabina namakhaya ngokuthi kunikezwe uluntwini **indawo zokuhlala ezinee mfanelo zonke ezidingeka kubantu abangana makhaya angawabo**, kuza kuquzelelwa ukuba bonke abo mangamaxhoba eziyobisi ukuba bafumane uncedo ukuze bakwazi ukuyeka uthatha iziyobisi.

- Ukusebenzisa iziyobisi, uluntu lizakuqeqeshwa linikwe izakhona khon'ukuze bakwazi ukufumana imisebenzi engcono.

# HOUSING

- Kuza kusetyenziswana **nemibutho esebenza nokuhlala nabantu bomthetho ngokwesintu** ukuba kuqhutywe amaphulo okuba kuhlaziywe kuqalelwe ukwakhiwa kweenginqi ezihlala uluntu. Kuzakuqinisekiswa ke ukuba ezindawo zilungiselelwe ukuba kuhlale uluntu sisemgangathweni olungileyo nosezingeli elincomekayo ukuba abantu bangahlala kakuhle ngaphandle kwengxaki.

- Kuza kukhuthazwa ukuba kubekwe amaqela apho azakube ephethwe ngabantu abazingcali, apho kuzaku banjiswana kusetyenziswana kwiindima yezindlu ezifunyanwa luluntu. Lamaqela azakujongana noxanduva lokuba xa kukhethwa abantu abazoxhamla kwizindlu konke oko kwenziwa ngokucacileyo kulandelwa ingalo yomthetho.

- Kuza kubakho izindlu apho kuza kube **kudityaniswe imirholo yabantu** abahlala kunye bazothi banikwe loo ndlu ifanele imirholo yabo, ezizindlu zizakudityaniswa kwindawo enye nenzinye izindlu ezahlukileyo. Oku kuzakwenziwa ekuzama ukulungiselelwa abantu kunye neentsapho ezinemirholo engalinganiyo.

- Kuza **kuthathwa izakhiwo** ezinga sasetyenziswayo khon'ukuze ku nweniswa izindlu zoluntu.

# HEALTHCARE

- Kuzaku phunyezwa **iNHI** njenge sixhobo esizaku nikisa izixhobo zezempilo, kude lee kwinkonzo zezempilo zabucala ezibhatalelwayo ezifuna imali eninzi.

- Kuzaku **phuculwa izakhiwe zezempilo**, oku kusenzelwa uku khawulelana noku ziswa kwamasebe ezempilo kwizinga elifanelekileyo nelisemgangathweni osemthethweni.

- Kuza kwenziwa kubesemthethweni ukuba wonke umi weli **aphononongwe umzimba wonke** kanye ngonyaka.

- Kuza kuqinisekiswa ukuba **uhlahlo lwabiwo-mali olufanelekileyo** likhona elijongene neemfuno **zamasebe ezempilo** ukuba avule asebenze imini nobusuku bayo, iintsuku ezisixhenxe kwaye zinazo zonke izixhobo nemfuno ezidingekayo ezifana **nezithuthi zezigulane.**

# SAFETY AND SECURITY

- Kuza kwamkelwa kuthathwe **iindlela ezingezinye ezithile** eziquka ukukwenyusa utyalo-mali kuma-Polisa, ukuqesha, ukuqeqesha kunye nezixhobo zokusebenza.

- Kuza kufakwa imigaqo-nkqubo ezaku phucula **ukupoliswa izinto zasekuhlaleni**, kwaye kuphuculwe nokusebenzisana nezinye i-Stakeholders zasekuhlaleni.

- Kuza nikwa izixhobo ezaneleyo **kwabe-Forensic kwi lebhu** khon'ukuze kuzkhawuleziswa ukubanjwa kwabaphuli-mthetho kwaye kuphuculwe iindlela akugwetywa ngalo kwabo banamatyala.

- Kuza kuqinisekiswa ukuba zonke izikhululo zamapolisa zinazo **ngokwaneleyo izixhobo kwi -Unit ezizodwa**, ezilungiselelwe ukuphanda alwaphulo-mthetho amanyelana neSini sabantu.

- Kuza kubanjwa uvoto malunge **nesigwebo sentambo/sokuxhoma**.

**-** Iza kuqinisekisa **ukhuseleko lokutya** kubemi bo Mzantsi Afrika. Zonke iintlobo **zokutya ezibalulekileyo** ukuba abantu bazifumane kumakhaya angathathi'ntweni **abazukuyibhatalela iVAT**.

**-** Izakulwa **ukungondleki kwabantwana** ngokuthi kuxhaswe iintsapho ezingafikelekiyo ekondleni abantwana babo ngokwaneleyo, oku kuzophunyezwa ngokusebenzisa **isibonelelo esiphuma ku SASSA** ngentlobo lwe *Voucher.*

# EARLY EDUCATION

**-** Kuza kwenziwa ngokusesikweni ukunikisa **ngemfundo esimahla** ukusuka kumabanga asezantsi ukuyotsho kumabanga aphezulu, oku kuzokwenzelwa iintsapho ezihluphekayo nezinemivuzo ephantsi.

- Kuzo bonelelwa kukhutshwe izithuthi zokuqokelela abantwana bezikolo simahla, kwakhona abantwana ezikolweni bazofumana ukutya okuya empilweni **ezizo kuqhutywa zizikimu zesondlo** (feeding scheme) ezikolweni zikaRhulumente.

- Kuzonikwa ingqwalasela **kulungiswe uhlahlo lwabiwo-mali** ukuzama **ukuphucula izakhiwo zezikolo kwakunye nezixhobo** esithi zidingeke ekufundiseni abantwana ezikolweni.

- **Ukubekela phambili iinkqubo zophuhliso lwabantwana abasaqalayo** (ECD), Ukwenzela kubekho isiseko esiqilima kwaye kuqinisekiswe ukuba **bonke abantwana bayafikelela kwiinkqubo ze-ECD asimqilima.**

- Ukuphucula nokunyusa izanga lezikolo **zabafundi abakhubazekileyo** okanye abanezidingo ezibucala kwezemfundo.

- **Kuzakuqinisekiswa ekuphuhliseni amagumbi ofundela ngobuchwepheshe balemihla**, oku kuquka ukusetyenziswa iincwadi kwiInternet nokufunda kusetyenziswa i-Internet. Konke oku kuzakwenziwa kuqinisekiswe ukuba **zonke izikolo zinayo i-Internet**.

# SOCIAL WELFARE

- Kuzo phononongwa kukhangelwe zonke iindidi zezi bonelelo zemali ezisuka kuRhulumente kwaye **kwenyuswe imali** kwabo kubonakala imfuneko**. Imali yesibonelelo** sabantu abadala kunye neya bantwana izakwenyuswa.

- Kuza kuqinisekiswa **ekuxhasweni kwemibutho ezimeleloyo** enceda uluntu elungathathi ntweni nelingamaxhoba ekuhlaleni.

- **Kuza kusatyelwa kwinani lwamasana alahlwayo** ngabazali, oku kuzo lungiswa ngokuba kufakwe ngokwasemthethweni kubekho imibutho ezimeleyo ezokwamkela isindisise ubomi babantu ixhase namanina akhulelweyo kwimenko ezingekho ntle.

# HOUSING

- Kuzo kwakhiwa **kunikiswe ngezindlu kubemi beli abangafikeleliyo** ekuzithengeleni izindlu ngamandla abo.

- Kuza kuqinisekiswa ukuba abantu abazofumana i-subsidy yezindlu umrholo wabo uqala ku R0 – R5,500. Kuqala bekujongwa umrholo oqala R0 – R3,500 ngenyanga.

# HEALTHCARE

- **Ukuba ziintshatsheli kwicala lezempilo lika wonke wonke**. Wonke umntu eMzantsi Afrika kufaneleke **ukuba afumane uncedo lwezempilo ngokulungileyo nangokulinganayo**, elikumgangatho ophezulu.

- Kuza kuqinisekiswa ukuba sikhona isibhedlele kwi-Region nganye kuzo zonke iHealth district ziyi 52. Kwakunye nesibhedlele esiphantsi kweDyunivesithi kwi-Phondo ngalinye.

- Kuzakunwenisa inani lezinye **iintlobo zonyango nezophononongwa kumaziko ezempilo** kwiinginqgi ezihlelelekileyo.



# EARLY EDUCATION

- Kuza kuthathwa ngokusesikweni imfundo nehlobo ekufundiswa ngalo kwilizwe jikelele, umzekelo lwentlobo yemfundo nokundiswa efana ne-*Cambridge system.*

**- Kuza kususwa i-BELA bill efakwe Lisebe Lezemfundo**, emanyelana nokufundiselwa kwabantwana emakhaya, ukuvalwa kwezikolo ezisemaphandleni nasezilalini, ukubekwa izihyolo zophulo mthetho kubazali, ukunciphiswa kwamandla kwezinqgeba zezikolo (SGBs), ukubotshwa nokucinezelwa kwabazali baphulukane namalungelo abo njengabazali.

- Kuza kwaziswa ezikolweni amaphulo okuqeqesha abafundi ukuzama ukuphucula nokunyusa izinga abafunda naba bhala ngalo.

- Kuzakubonelelwa icandelo lemfundo ekhethekileyo kwizikolo zabafundi abakhethekileyo nezikolo ze-Main Stream.

- **Inani lwababafundi kumagumbi okufundisela lizakuba ncinci**, kuzakufundiswa ngelwimi abantwana abazelwe nalo.

# EARLY EDUCATION (CONTINUED)

- Kuza kubekelwa phambili **impilo nokhuseleko lwabanfundi kwizinto ezifana nezakhiwo zezikolo, ukutya okuya egazini okunezinongwe, izithuthi zokuthutha abantwa xa besiya naxa bebuya** esikolweni, kuzakuliwa ubugewu noburhunta, imipu/imikhono yekati kwakunye neziyobisi esikolweni.

- Kuza kuqinisekiswa ukuba amaziko ezikolo ibanga u-R kwakunye nezikolo zamabanga wabasaqalayo (ECD) zikhona kuzo zonke iinginqgi.

- Kuzakuqinisekiswa ukuba **zonke izikolo zinazo izindlu zangasese ezigungxulekayo kususwe ezingagungxulekiyo.**

# HOUSING

Kuza kupheliswa iimbacu namatyotyombe, konke uku kuzakwenziwa ngokubeka phambili izisombululo ezisisigxina. Kuza kususwa izindlu zangasese uluntu elizisebenzisayo ngobolekisana kufakwe amanzi abalekayo kwakunye nezindlu zangasese ezisemgangathweni olungele uluntu.



# HEALTHCARE

- Siza kususa **ingcebiso eziza noRhululente ophetheyo ukuba wonke ubani oseMzantsi Afrika afumane iinkonzo zezempilo ngokufanayo.** Sizakuqala iphulo apha wonke ubani ezakufaka izimvo zakhe ukuba bona bacinga ntoni ngalomba wokuba wonke ubani uzofumana iinkonzo ezifanayo kwicala lezempilo.

- Kuza kuphuculwa amasebe ezempilo ka wonke-wonke afana ne Kliniki kwakunye neenkonzo ezinikwa uluntu, ixesha elithi lilindwe phambi kokuba umntu afumane iziphumo zesigulo ebesixilongelwe**, iindlela zoxilongwa kwakunye nezokunyangwa konke oku kuzoku phunyezwa ngokunwenisa inani loogqirha, abongikazi kwakunye nabasebenzi abajongene ne-Admini**, kuqinisekiswe ukuba amachiza akhona ngokwaneleyo nezinye izixhobo zokunyanga.

- **Kuza kwangezwa inani labasebenzi abasebenza imini nobusuko bayo kumasebe ezempilo** kumasebe akwii-nginqgi azingathathi ntweni okanye ezisokolayo.

# EARLY EDUCATION

- Abafundi **bazokuhlohlwa/bazokufundiswa ngelwimi abazelwe** nalo ukuyotsho kumabanga aphezulu.

- **Kuza kubonelelwa abafundi ngenxaso yemali** endaweni yokuba kubonelewe izikolo.

- **Kuza kubakho izikolo ekuhlaleni** ezizo xhaswa ngabasemagunyeni ekuhlaleni.

- **Umthetho oqulunyiweyo obizwa nge BELA Bill izakutshintshwa kufakwe omnye umthetho oqulunyiweyo**.

- Kuza kugcinwa umgangatho wezemfundo okwinqanaba eliphezulu **elikwaziyo ukumelana nemfundo yemazwe jikelele.**

# SOCIAL WELFARE

- **Imali yenxaso elungiselelwe imibutho ezimeleyo** engaxhamliyo kuRhulumente efana namakhaya abantwana abangenabazali, ikhaya labantu abadala kwakunye nabantu abakhubazekileyo kumele inyuswe.

- Kunikezwe **kwimibutho esebenza ekuhlaleni** inxaso khon’ukuze kuzoliwa koyiswe intsokolo eluntwini.



# HEALTHCARE

- **Kuza kuyekiswa i-NHI Bill.**
- Kuzakuphuculwa Izakhiwo zezempilo zika wonke wonke.
- Kuza kugxininiswa **ekuthinteleni iizigulo zingekenzeki**.

ACTIONSA

# NUTRITION

Isondlo okanye ukutya ekuya egazi nokusempilweni kubalulekile ukugcina umzimba nengqondo zisempilweni. **URhulumente we-ActionSA uzakwakha ubudlelwane** nabenzi bokutya, ivenkile ekuthengwa kuzo, neFood banks (abagcini kutya), ukuzama **ukwangeza amathuba ofikelela** ekutyeni okuya empilweni kusenzelwa abo batsala nzima ukufumana ukutya.





CENTRE FOR EARLY CHILDHOOD DEVELOPMENT
Putting Young Children First

**- Izakunwenisa okanye Ukukhulisa inxaso kwi ECD**: sizakwenza isebe lakwa Social Development Nelezempilo ziqinisekise ukuba **iECDs** zinikisa okanye ziqgithisa ngeenkonzo ezilungileyo nezifanelekileyo ukuxhasa abantwana abaphuma **kumakhaya ngathathi ntweni okanye asokolayo/adingayo**.

- uAction SA **uzakuxhasa iECD** ngoluhlobo:

• **Izakunyusa uhlahlo lwabiwo-mali lwezikolo zabantwana abasakhulayo (ECDs)** kwaye kuzokwanyuswa **isixhaso-mali esinikwa iiECDs** khon'ukuze abazali babantwana abancinci bafikelele ekufakeni abantwana esikolweni khon'ukuze bakwazi ukuxhamla emathubeni engqesho ngokufanelekileyo nangokwaneleyo. Oku kuquka isixhaso semali esilungiselelwe inkqubo yesibonelelo sokutya okusegazini, ukuqinisekisa ukuba abantwana abancinci bafumana ukutya okusempilweni nokuya egazini kwiminyaka yabo eselula.

• Kuzakususwa imithetho ebekwe nguRhulumente engumqobo ekubhalisweni **kwe-ECDs, khon'ukuze uninzi lwe-ECDs zisobase mthethweni zizokwazi nokufikelela zifumane inxaso kwakunye ne nxaso-mali** evela kuRhulumente.

# EARLY EDUCATION (CONTINUED)

• Ukuqinisekisa ukuba kukho ulungelelwaniso elaneleyo kwimfundo nezinye iindlela zokufundisa abantwana, ukutsho oku ungatsho **uthi abantwana kuzo zonke iiECDs kuzakungunyaziswa ngokusemthethweni ukuba bafunde izifundo ezifanayo kwizikolo zonke**. Oku kusenzelwa ukuba abantwana baqalise ukufunda besakhula.

• **Kuzakuqeqeshwa abafundisi nabasebenzi bakwi ECDs** babantwana nangakumbi, ingakumbi abo basebenza kwii-ECDs ezingekho sesikweni.

- **Ukwandiswa kobuhlobo namasebe abucala** khon'ukuze kuzokwabelwa nangakumbi izixhobo ezithile ezidingeka **kwizikolo zeECDs** kwiinginqgi ezitsala nzima.

- **Ukufikelea kwizikolo**: Akakho umntwana umaka ntintelwe ekufumaneni imfundo ngenxa yemeko zemali okanye apho ahlala khona. Siza ku phumeza iiProgramu ezizonikeza **abantwana izithuthi zezikolo** ukuqinisekisa abantwana abachithi ngaphaya kweyure besendleleni esingisa esikolweni, sizakuqhubeka faka imali khon'ukuze siphulise **izindlu abathi abafundi bahlale kuzo xa besesikolweni** behlala esikolweni khon'ukuze abantwana abahlala kwindawo ezikude ezisemaphandleni bakwazi ukuxhamla imfundo esezingeni eliphezulu.

# EARLY EDUCATION (CONTINUED)

- **Izixhobo zokufunda**: i-ActionSA uza kuqinisekisa ukuba abafundi abasuka kumakhaya apho kungafikelelwayo ukubanika izixhobo zokufunda ezikolweni bashiyeki ngasemva kwindlela yabo yemfundo, bazakunikwa **izixhobo ezidingekayo zokufunda**. iActionSA izakugada ijonge ukuba **izixhobo zofunda nezokufundisa azisileli zifika ngexesha** nkhon'ukuze ukufunda nokufundisa kungasileli.

- **Isakhiwo sesikolo**: Abantwana bafanele/baselungelweni lokuba bafunde kwizikolo ezikhuselekileyo nezinazo zonke izixhobo zokufunda, izikolo apho ezibonisa nezinikisa umdla kwakunye nezikhuthazayo ukuba abantwana bafunde. **Sizakususa izindlu zangasese ezinziwe ngokombiwa kwemingxunya, kuzasuswa izikolo ezakhiwe ngodaka.** Kuza kunikiswa **izindlu zangasese ezinesidima** kuzo kuwo wonke amaziko ezemfundo. Sizakufaka imali sifakele **i-Internet** ezofikeleleka kobo binke abafundi, kwakhona kuzoqinisekiswa ukuba zonke izikolo zinawo amanzi kwakunye nombane.

- **Ukwandiswa kobuhlobo namasebe abucala** khon'ukuze kuzokwabelwa nangakumbi izixhobo ezithile ezidingeka **kwizikolo zeECDs** kwiinginqgi ezitsala nzima.

ACTIONSA

# EARLY EDUCATION (CONTINUED)

- **Ukufikelela kwizikolo**: Akakho umntwana umaka thintelwe ekufumaneni imfundo ngenxa yemeko zemali okanye apho ahlala khona. Siza ku phumeza iinkqubo ezizonikeza **abantwana izithuthi zezikolo** ukuqinisekisa abantwana abachithi ngaphaya kweyure besendleleni esingisa esikolweni, sizakuqhubeka faka imali khon'ukuze siphulise **izindlu abathi abafundi bahlale kuzo xa besesikolweni** behlala esikolweni khon'ukuze abantwana abahlala kwindawo ezikude ezisemaphandleni bakwazi ukuxhamla imfundo esezingeni eliphezulu.

- **Izixhobo zokufunda**: iActionSA uzakuqinisekisa ukuba abafundi abasuka kumakhaya apho kungafikelelwayo ukubanika izixhobo zokufunda ezikolweni bashiyeki ngasemva kwindlela yabo yemfundo, bazakunikwa **izixhobo ezidingekayo zokufunda**. iActionSA izakugada ijonge ukuba **izixhobo zofunda nezokufundisa azisileli zifika ngexesha** nkhon'ukuze ukufunda nokufundisa kungasileli.

- **Isakhiwo sesikolo**: Abantwana bafanele/baselungelweni lokuba bafunde kwizikolo ezikhuselekileyo nezinazo zonke izixhobo zokufunda, izikolo apho ezibonisa nezinikisa umdla kwakunye nezikhuthazayo ukuba abantwana bafunde. **Sizakususa izindlu zangasese ezinziwe ngokombiwa kwemingxunya, kuzasuswa izikolo ezakhiwe ngodaka.** Kuza kunikiswa **izindlu zangasese ezinesidima** kuzo kuwo wonke amaziko ezemfundo. Sizakufaka imali sifakele **i-Internet** ezofikeleleka kobo binke abafundi, kwakhona kuzoqinisekiswa ukuba zonke izikolo zinawo amanzi kwakunye nombane.

ACTIONSA

# EARLY EDUCATION (CONTINUED)

- **Inxaso kubafundisi’ntsapho**: iActionSA izakuba neenjongo **uzakuthothisa inani Phakathi komfundisi’ntsapho nabafundi ngo 1:25** kuzo zonke izikolo zikaRhulumente eMzantsi Afrika, oku kuzokwenziwa kuphunyezwe ngokuba kuxhaswe ukukhula kwabantu abasebenza kwicala lezemfundo kuphuculwe umgangatho wokufundisa. Oku kuzokuphunyezwa ngokuthi **kubuyiswe lColleges zokuqeqesha kwabafundisi** ntsapho ezibanika isidanga se-Bachelor kwezemfundo. Kuqhutyekwekwe ngoku qeqeshwa kwabafundisi’ntsapho.

- Imfundo yofundiswa ukuziphatha ngendlela: Abantwana kufuneka bakhuthazwe ukuba **bathathe indlela yokuba nesimilo esilungileyo** babenayo nendlela elungileyo yokuziphatha esikolweni, olu kukuzama ukulwa nosusa umkhwa wobudlobongela norhwaphilizo eMzantsi Afrika. indlela elungileyo yokuziphatha kwaye babenayo nendlela elungileyo. iActionSA izakuqinisekisa ukuba izikolo xa zingena kuqala imini zinika ixesha kumfundi ngamnye ukuba ufumane ixesha lokuba **abanexesha nesiqu sakhe lokucinga okanye lokuthandaza**

- Izibalo sisakhona esibalulekileyo ekudingeka ukuba sikhuliswe kumabanga aphantsi. Siza kufaka **kuqeqeshwe** abantwana kuphuculwe abafundisi bamabanga esezantsi bakwazi ufundisa izibalo kubafundi beminyaka ethile.

- Kuzobekwa **imali eyaneleyo ezosetyenziselwa akuncediseni ukuphulisa indlela abafunda ngayo** abaku mabanga asezantsi.

ACTIONSA

# EARLY EDUCATION (CONTINUED)

- Kuzaku qinisekiswa ukuba **abafundisi'Ntsapho ba mabanga asezantsi bafumana uqeqesho** ukuba bakwazi ufundisa abantwana abancinci **ukufunda beyiqonda lento bayifundayo**. Oku kuzo kwenzeka kanye kwikota enyakeni.

- Kuza kunikezwa ngamathuba okuba **abazali baqeqeshelwe ukufunda** khon'ukuze bazokwazi ukunceda abantwana babo bakwazi ukufunda ngokuqonda okupheleleyo.

- Kuza kwakhiwa kwenziwe **isiqhelo sokuba abantu baqhelane nokufunda** oku kuzokuphunyezwa ngokuthi kubekho **iiPrograms zokufunda ekuhlaleni**.

- Kuzoku tshintshwa iCurriculum kwi-Foundation Phase (Ibanga R-Ibanga 3): Inkcazelo yepolisi yezemfundo (curriculum) ekhoyo ngoku **yeMfundo esisiseko izakuphononongwa** ukuqinisekisa ukuba inika ingqwalasela kwaye ejonge ngeliso elibanzi kulwimi, ukufinda, izibali eziselula, nakwicala lobugcisa.

- Imfundo ekhethekileyo: Ukukhubazeka mayingabi ngumqobo nawuphi na umntwana ukuba angafumani ithuba lemfundo esezingeni eliphakamileyo. Siza **kwandisa ukutyala imali inxaso nofaka isandla kwimfundo ekhethekileyo** yabantwana abakhethekileyo naba nezidingo ezikhethekileyo ezifana nokufumana ubunzima ekufundeni. **Sizaku nikisa ngezixhobo nezidingo** esikolweni sixhasa abantwana abazimfama nabazizithulu (Abangavayo).

# SOCIAL WELFARE

- Universal Basic Income Stimulus (UBIS): Kuzakwaziswa i**UBIL** ukuncedisa ukunciphisa intlupheko nokuxhasa abantu abangathathi ntweni ukuba nabo baxhamle kwezoqoqosho. **Sizakunikisa imali** kuye wonke umi weli obhalisele ukufumana iUBIS khonukuze bakwazi ukutya-imali kwezoqoqosho. i-UBIS enxulumene nezigaba ngezigaba zobuhlwempu, izakuthi ekuqaleni ibhatale **iminyaka emithathu** nyanga nanyanga. Kunyaka wokuqala izakubhatala i -R790, i-R1,101 kowesibini ze ubhatale R1,622 kunyaka wesithathu.

- Ukwandiswa kwezi bonelelo semali yoluntu evela kuRhulumente: **Sizaku kwe nyusa isibonelelo semali yoluntu xeshanye xa kusasizwa kufakwa eluntwini** i-UBIS, oku konke kwenzelwa ukukhusela abona bathwaxwa kakhulu yintsokolo.

- Sizakuxhasa inqubela'phambili yoMzantsi Afrika owomeleleyo ngokuthi **sifundise ootata ngoku baluleka kwendima abayidlalayo kwintsapho** zabo; kwaye sizakwandiswa inxaso kumanina abathwala uxanduva lokukhathalela abantwana, iintsapho kwakunye nabantu abasele bekhulile.

- Sizakutyala imali **siseke amaqela oluntu apho kuzakube kuxhaswa uluntu** ngokubanika indawo apho ekhuselekileyo abanothi baze kuyo bonke abantu abangamaxhoba bolwaphulo-mthetho kwakunye nabantu abasokoliswa nabalwana iziyobisi nezinye iziyobisi ezifana notywala, olu ncedo liquka neeNtsapho zabo.

ACTIONSA

# HOUSING

- Izindlu ezifikelelekayo: **sizakuphakamisa isantya sokwakha izindlu zoluntu** kwizixeko zethu, ingakumbi izakhiwo ezide kwizixeko. Oku kuza kuqinisekisa ukuba wonke ubani uyaxhamla kwizindlu ezifikelelekayo ezikufuphi kumathuba engqesho kunye neenkonzo ezi semgangathweni.

- **Izindlu ezomeleleyo**: uMzantsi Afrika kufuneka azilungiselele ukumelana neziphumo ezinyukayo zobushushu ezenziwa lutshintsho lwezemo yezulu. Ezinye zezoziphumo zingaquka iintlekele zendalo ezithi zenze umonakalo kwizindlu nakwizakhiwo ezinje ngeendlela. iActionSA izakuqinisekisa ukuba izixeko **nelali zakhiwe ngendlela ezinothi zikwazi ukumelane neentlekele zendalo nokuhlokoma kwemozulu.**

- **Abangenamakhaya**: Abantu aba ngenamakhaya ngabona abasebungozini ekuhlaleni nabadinga inxaso eyangezelelweyo luluntu. Siza kualungisa izakhiwo ezinga setyenziswayo nezingahoyekanga **zikarhulumente sizenze indawo ezinesidima zokuhlala** abantu abangenamakhaya.

ACTIONSA

# HEALTHCARE

- **Iyayichasa iNHI bill**: iActionSA iyayichasa ukupasiswa nokubekwa kwe NHI Bill ngendlela nohlobo engalo le-Bill. Le Bill ayinqgamani nesimo uMzantsi Afrika okuso kwicala lezempilo lika wonke-wonke, ukufakwa okanye ukubekwa kwale Bill ngokusesikweni kuzaku phazamisana nokudluliswa kwenkonzo zezempilo elizweni uMzantsi Afrika uphela. URhulumente okhokelwa ngumbutho i-ActionSA **ukhetha ubekela phambili ukulungisa iziko lezempilo lika wonke wonke**, oku kuzokwenziwa ngokulwa nokususa urhwaphilizo, kuphuculwe ulawulo nababaphathi, nokunyusa utyalo-mali kwezonyango ezingundoqo.

- Unyango olusemgangathweni lika wonke-wonke: Kukho omahluko omkhulu nokungalingani kwinkonzo zezempilo ezifunyanwa ngabo baxhomekeke kumacandelo ezempilo ka wonke-wonke nabo bazibhatalelayo inkonzo zezonyango zabucala**. Siza kuyilungisa siwucazulule lomba woku ngalingani ngokuba sokhe iiKliniki nezibhedlele kwaye siqeqeshe kuqashwe abasebenzi abafundele ukunyanga (OoMongikazi nooqgirha).**



CENTRE FOR EARLY CHILDHOOD DEVELOPMENT
Putting Young Children First

# HEALTHCARE (CONTINUED)

- Unyango olubhatalelwayo (Medical aid): Icandelo lwezempilo labucala linawo amandla okunciphisa ubunzima obubekwe kwiziko lezempilo lika wonke-wonke, ufikeleleka nangakumbi. Sizaku phonononga i-Insurance yezempilo labucala khon'ukuze sikwazi ukwandisa inani Labantu abazokuthi bakwazi ukufikelela ekuyibhataleni, ukandisa iinzuzo ezithi zifumaneke, ukuphucula iinkonzo abazifumanayo abantu ngaphezulu koxabisa inzuzo, iinzuzo ezifana nokwenyusa amaxabiso.

- Ukwandisa iinxaso koomama: Sizakufaka ngokusesikweni ukuba kwehliswe **i-VAT kwizinto ezibalulekileyo zokukhulisa nezisetyenziswa ebantwaneni**. Oku kuquka amanapkeni (nappies) kwakunye nobisi.

- **Ukunyuswa kwenxaso yezempilo**: Abantu abakhubazekileyo amaxesha amaninzi badinga ufumana **inxaso noncedo elilodwa lwezempilo**. i-ActionSA izakwenza kubelula kubantu abaphila nokukhubazeka ukuba bafumane uncedo lwezempilo abaludingayo, oku kuquka i-Occupational therapy nokuba bafumane inxaso kwinkonzo zezothutho okanye izixhobo zoba bakwazi ukuzihambela.

ACTIONSA

# HEALTHCARE (CONTINUED)

- **Ukusetyenziswa kothetha ulwimi lwezandla kumaziko ezempilo**: i-ActionSA izakusebenzela ekuqinisekeni ukuba onke amacandelo ezempilo kwizibhedlela nakwi Kliniki zika wonke wonke ukuba ziqasha nokuba mnye umntu okwaziyo ukuthetha ngolwimi lezandla. Siza kufuna izixhobo zokuqeqesha nephepha lesiqinisekiso sokuba ukhona umsebenzi oxelengayo ukwaziyo ukuthetha ngolwimi lwezandla. Oku kukuqinisekisa ukuba zonke izibhedlela neeKliniki ziyakulandela oku kubekiweyo ngokwa semthethweni.

ACTIONSA

# SAFETY AND SECURITY

- Ukwandisa ubukho bamapolisa: Ukubakho kwamapolisa ekuhlaleni apho kungcwele ukungakhuseleki kusebenza njengezinye iindlela ezenze ulwaphulo-mthetho lunqabe. **Sizakucutha imali echithwa nguRhulumente kwezokhuseleko, le mali izakuthathwa isetyenziswe ekuthintelweni ulwaphulo-mthetho** nokuba kuhlale ngalo lonke ixesha amapolisa ebonakala ephithizela ekuhlaleni.

- Ukwandisa izikhululo zamapolisa: uRhulumente okhokhelwa yi-ActionSA izakutyala imali **ekwakhiweni kwezikhululo zamapolisa** ezingezinye, **sizakufaka amapolisa ajikelezayo ekuhlaleni ahamba ngezithuthi ezilungiselelwe ukuba zihambe zimisa** ekuhlaleni khon'ukuze uluntu oluhlala kwindawo ezikude ezifana nelali bakwazi ufikelela kwinkonzo zamapolisa. Oku kuzakwenyusa umthamo wenkonzo zobupolisa khon'ukuze kuzothintelwa kwaye kuphandwe ulwaphulo-mthetho kakuhle nangokuqgibeleleyo.

- Le Iiyunithi yolwaphulo-mthetho ekhethekileyo: Ukulwa iintlobo ezahlukeneyo zolwaphulo -mthetho zidinga iintlobo ezahlukeneyo zamacebo nezakhono**. Sizakwenza songeze iiyunithi ezikhethekileyo** zokulwa ulwaphulo-mthetho. Zizakuquka iiyunithi zezophando ezizodwa ezijongene nokhuseleko kwindawo ezifana nelali nendawo ezisemaphandleni, amaqela olwaphulo-mthetho kwakunye, no lwezemali, ulwaphulo-mthetho olulungisiweyo, kwakunye nokwanakaliswa kwezoqoqosho.

# SAFETY AND SECURITY (CONTINUED)

- Isohlwayo esingqongqo solwaphulo-mthetho: Ubudlobongela bunwenile bade bayinto eqhelekileyo kuMzantsi Afrika uphela. uRhulumente okhokelwe yiActionSA **uzakwenyusa izohlwayo kulwaphulo-mthetho lobudlobongela** ukuzama uthintela izenzo zobudlobongela ezinothi zenzeke eluntwini exesheni elisazayo. Ulwaphulo-mthetho lokubulala, ukudlwengula, ukwenzakalisi ngokungenalusini, ukwenziwa nokuthutyeleziswa kweziyobisi, ukubiwa kwabantu, kwakunye nokuphanga uxhomile zizakufumana **izigwebo ezide**.

PATRIOTIC ALLIANCE

# EARLY EDUCATION

- **Imigaqo yezenkolo** kuyadingeka ukuba iphinde isondezwe kwicandelo lezemfundo, oku kukuthi kuveliswe abantwana abayilibeleyo ukuba Imiyalelo eLishumi ithini, oku kuquka ukuhlonipha nokuthobela uyise nonina khon'ukuze uphile ubomi obude.

- Sikhona isidingo **sokwakha izikolo ezongezelekileyo**, isikakhulu izikolo zamabanga aphezulu (high school), kwiinginqgi ekudala zibambekile zingahoyekanga ezifana nezi zifumaneka kwindawo zamalawu (coloured communities).

- Kuqinisekiswe ukuba izikolo zinika abafundi **ukutya okusempilweni** yonke imihla.

- **Iinqununu mababenazo zonke izakhono ezibalulekileyo** ezifanele ukuba inqununu inazo kwaye xa beqeshwa **izivumelwano zengqesho zabo mazibe ngqongqo.**

- **Abafundisi-Ntsapho** bazobhala **uvavanyo elilungiselelwe ukhangela ukujonga nokuqinisekisa ukuba banakho ukuwenza kakuhle umsebenzi wabo**, bathunyelwe bayoqeqeshwa ukuba isidingo sikhona.

- Kuzakwenziwa iinkqubo ezilungiselelwe ukuba **zichonge abantwana kuzo zonke izikolo**, ababonisa iimpawu zohlakanipha ngokwase ngqondweni okanye kwezemidlalo. Mazibekhona iinkquboezilungiselelwe abo bantwana bangafundi ngoku khawuleza abangenazo izakhono sofunda ngokukhawuleza, khon'ukuze nabo bafumane ithuba ebomini lokuphumelela.

CENTRE FOR EARLY CHILDHOOD DEVELOPMENT
Putting Young Children First

Iqulunqwe yi Centre for Early Chikdhood Development

# EARLY EDUCATION (CONTINUED)

- iPA ingakuvuma ukuba ijonge intsebenziswano yokhe **ubudlelwane kwizikolo zabucala kwakunye nezikaRhulumente kwicandelo lezemfundo**, kuba izikolo zabucala ezifikelelekayo kufunyanisiwe ukuba zikhupha iziphumo ezihle. **Izikolo zabucala eziqhuba kakuhle zisakuxhaswa nguRhulumente** khon'ukuze abafundi babhatale kancinci okanye bangabisabhatala kwamali. Nendlela ekuzo jongwa ngayo ukuba inxaso evela kuRhulumente yahlulwa kanjani ukuqinisekisa ukuba wonke ubani **ufumana ngokulinganayo**.



# SOCIAL WELFARE

- iPA **izakuvuma iyamkele indima edlalwa zinkokheli zokuhlala**, oku kuquka indawo ezifana nelali apho **iinkokheli zasebukhosini** izizo eziphetheyo zikwanawo nomdla abantu bephilile bonwabile ekuhlaleni. Kwesisiphelo, iPA ezokwenza isebe lobukhosi nelezokuhlala kwinqanaba likazwelonke kwaye kunikwe inxaso efakwa ziinkosi ngobukhokheli nolwazi lwabo ekuhlaleni.

- iPA ithethelela ukuba kubekhona **inxaso yemali enikwa inkokheli zokuhlala** kumanqanaba onke, ukususela ebukhosini (IiNkosi, Iinkosikazi kwakunye neeNkosana), iiCawa zibonwe njengemibutho okanye iziqgeba ezidlale indima enkulu ukudibanisa uluntu ekuhlaleni, Ukukhuthaza ukwenza oko kuhle besenza nomsebenzi wesisa bexhasa abantu abasweleyo. Lemibutho ingakwazi udlala indima ebonakalayo kwakunye neminye imibutho ezimeleyo ekwakheni indawo zokuhlala zabantu abangenamakhaya nendawo zogcina kunyangwe abo baxhomekeka kwiziyobisi.

**- Abantu abaphila ngezantsi komgca wobuhlwempu** bekumele baxhaswe nguRhulumente.

- **Isibonelelo mali ziyadingeka** ngokwahlukana kwabantu, ingakumbi abo bakhubazekileyo, abangamahlwempu nakunye nabantu abadala. Bonke abanye abantu **bekumele bayalungiselelwa ukuba basebenze** bangavunyelwa ukuba baxhamle kwisibonelelo sikaRhulumente. Ukuba amathuba omsebenzi anqongophele, baselungelweni lokuba baxhamle kwisiboonelelo esivela kuRhulumente.

# HOUSING

- I-PA izakuqhubekeka ngalenqubo iyenzayo ngoku **yokuphucula iimbacu**, kodwa kuzodingeka ukuba kusikwe ixesha apho kungasokuze kuphinde kokhiwe ezinye iimbacu.

- Zonke izindlu ezizimbacu nezo zzibusondela ukubeni zibe zimbacu **zizakubalwa zizotywe zaziwe ukuba zimephi kanjani khon'ukuze ibelulwaphulo mthetho ukuvusa amanye amatyotyombe.**

- Xa bethe abantu bahamba bayokungena kwizindlu ezakhiweyo amatyotyombe abebehlala kuwo azakuchithwa, ukuba kuyenzeka asetyenziwe kakuhle kwenziwe izinto ezibalulekileyo okanye zigadwe ukuzama ukunqanda ukuba kuphinde kungene kuhlale abanye abantu.

- **Kusadingeka ukuba kwenziwe eminye imihlaba** ibekhona kwenzele abantu bazokwazi ukuzakhela izindlu zabo bexhaswa nguMasipala ngokupheleleyo.

- **I-flats nezindlu ezifikelelekayo zoluntu ezizeze Khansila** ziyadingeka kakhulu ukuzama noncedisana nezindlu uluntu elizinikwa nguRhulumente, izindlu ze-RDP.

- iinkonzo ezisebenzayo **zamanzi ne zangasese**, kwakunye **nombane** izabazizinto ezibekwelwe phambili ngumbutho i-PA.

# HEALTHCARE

- UMzantsi Afrika udinga ngokungxamisekileyo **amaziko ezonyango lwengqondo** njengezinye iindlela zokulawula nokubuyisela empilweni abantu abachaphazelekileyo okanye aba phazamisekileyo ziingxaki abanazo neengxaki abathe badibana nazo ekuhlaleni.

- Kubalulekile ukuba abahlali basoloko bekwazi ukuya **eKlinikhi ngalo lonke ixesha. Zonke iyure ezingashumi amabini anesine (24 hour).**

- iPA kufuneke iphucule indlela ekusetyenzwa ngayo kwizi bhedlela zika wonke-wonke, kwaye asebenzele ukuqinisekisa ukuba umsebenzi ongcono uyenzeka.

- iPA izakubeka uluntu lokuhlala neeZazi ukuba ziphathe ibengabo abajongana nendlela esisebenza nesiqhuba ngayo isibhedlela zika wonke-wonke. Konke oku kuzaku phunyezwa ngokuba kusekwe **ibhodi yokuhlala ejongene nolawulo lwesibhedlela**, uhlahlo lwabiwo-mali ibhodi izakubano mgaqo-nkqubo obeka izigulane.

- iPA izokukhangela ezinye iindlela zokwakha ubudlelwane ne-*Public-Private* khon'ukuze kuzonyuka inqanaba leziko lezempilo lika wonke-wonke, kuzonyuswa izinga leminyango yezempilo ifane naleyo ifunyanwa ngabo baya kweinkonzo zezempilo zabucala.

- iPA izakufaka ngokusesikweni kwilizwe uMzantsi Afrika **iminyango yezempilo yeziyobisi** apho kusetyenzwa ngabantu abanengxaki nabangamaxhoba eziyobisi.

# HEALTHCARE (CONTINUED)

- iPA iza kwengeza **iminyango yezempilo ehamba hambayo ezilalini** kwaye kuqinisekiswe ukuba ezi Kliniki zizula zulayo esele zikhona ziyanikisa ngeenkonzo ziyathunyelwa rhoqo kwaye zithembakele.

- iPA ayikuchasanga ukuphulisa yenze iinkonzo zezempilo zikaRhulumente ezilungileyo nezisebenza kakuhle, ezifana ne-NHI, kodwa ke kuqala uRhulumente makaqale abonise ukuba uyakwazi ukusebenzisa izixhobo ezi sele zikhona phambi kokuba ibenemfundo yezinye izixhobo.

- ukunikezwa **kwamachiza asindisa ubomi babantu bezigulo ezingapheliyo** mazibekhona kuwo wonke iminyango yezempilo ka wonke-wonke kwaye kubekho inkqubo elandelwayo ukuqinisekisa ukuba amachiza onke akhona maxesha onke.

- i-100% yabantu **abasuleleke sisifo ugawulayo** mabafumane unyango.

# SAFETY AND SECURITY

- Siza kubuyisa **isigwebo sentambo** kumatyala athile, oku kuquka ukubulala isikakhulu abafazi ababulawa ngamadoda, ukubulala ngamayeza esixhosa, ukudlwengulwa kwabantwana kwakunye nokubulala ukwenziwa ezintolongweni.

- kuyaziwa ukuba imilo nokungavani phakathi koonqevu neenkokheli zabo ezibenza bakhuphane amagazi ziphembelelwa kukufuna ubuyisa imbuyekezo, konke kwenza kuba uRhulumente engenzi nto ngobudlobongela. Kungoko ke isahlwayo sentambo sizakuthumela umyalezo obonisayo ukuba **uRhulumente nguye yedwa oselungelelweni nongu Mphathi-mthetho** akukho bani uzakuthathela umthetho ezandleni zakhe.

- Kubalulekile ukuba **amaholo okluhlala, amabala ezemidlalo** zakhiwe, ezisele zikhona zilungiswe zibe nezixhobo ezidingekayo oku kuquka izixhobo zobuchwephesha balemihla izinto ezifana neeCameras nemiboko yokuthetha eqongeni. Oku kwenzelwa ukuba ulutsha nomphakathi likhuseleke likwazi ukuhlalisana kakuhle.

- **ukuphucula indlela ekwenziwa ngayo umsebenzi neenkonzo zokubhaqa ubudlobongela**, konke oku kuza kwenziwa ngokuthi kubuyiswe amapolisa nabaphandi ababodwa, abaqeqeshelwe ukusebenza ngeentlobo ezithile zobudlobongela, umzekelo kwenziwe iyunithi yabantwana abalahlekileyo kwakunye ne yunithi yamatyala odlwengulo.

- Amapolisa kudingeka ukuba asebenze nabantu basekuhlaleni khon'ukuze **ingabahlali namapolisa kusetyenzwe kubanjiswene kuliwe ubudlobongela.**

# EZONA ZITHEMBISO EZENZIWEYO MAYELANA NABANTWANA KOLU VOTO SIJONGENE NALO KULONYAKA UMIYO

Esisixhobo sibonisa sikwa nanjalo sichaza ushwankathelo nezicatshulwa ezithathwe kwii-manifesto zemibutho yezoPolitiko elishumi elinanye (11). Le mibutho yezoPolitiko ilishumi elinanye izakube ithatha inxaxheba kunyulo lwevoti lonyaka ka-2024 eMzantsi Afrika. Ukufakwa kwale mibutho iqikelelwe ziziphumo ezifunyenwe yi-**ipsos** eyenziwe ekupheleni konyaka ka 2023 noku voto elisanda kwedlula.

Izicatshulwa ezithe ngqo zifakiwe apho kukwazeka khona, kodwa ke ngezinye iindlela kuye kwashwankathelwa khon'ukuze kuzakuba lula ukufunda esisixhobo.

Ezi-manifesto kufuneka zifundiwe ngoku pheleleyo ziyafumaneka apha kule link https://shorturl.at/bqBGT. Ngezinye iindlela umbutho ngamnye iManifesto yayo ingafumaneka ngokuthi ucofe kwi-logo yombutho apha ngezantsi.